**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesithathu)**

## ICANDELO A
### UMBUZO 1

**UKUHLOLWA KWEZINCOKO: ULWIMI OLONGEZELELWEYO UHLELO OLUPHANTSI**
**Imilinganiselo yokupononongа izincoko**

| | Inqanaba 4 | Inqanaba 3 | Inqanaba 2 | Inqanaba 1 |
|---|---|---|---|---|
| 1. Ukuthi ngqo | Ophume tu emxholweni – umxholo ongenguwo – ongahambelaniyo nesihloko. | Uyasiva isihloko kodwa akanasiphiwo sokuyila. | usemxholweni zikho neempawu zokuqamba | usemxholweni – izakhono zokuqamba – uyondelelwano lwemihlathi – ulwimi olusulungekileyo. |
| **Amanqaku (5)** | 1 | 2 | 3 – 4 | 5 |
| 2. Upelo isigama iziphumlisi | upelo olugwenxa – ukusetyenziswa kakubi kwamagama – isigama esingesiso – umoya wesincoko – akukho ziphumlisi | Luninzi upelo olugwenxa – isigama esingafanelekanga. – ubuhesheheshe. – ukungagqali iziphumlisi | zimbalwa izinto ezipeleke gwenxa – isigama esichanekileyo – iziphumlisi ezigwenxa zimbalwa. | upelo olululo – isigama esigqwesayo – ukusetyenziswa kolwimi imvakalelo eyiyo. – zisetyenziswe kakuhle iziphumlisi. |
| **Amanqaku (6)** | 1 | 2 – 3 | 4 – 5 | 6 |
| 3. Ukwakhiwa kwezivakalisi ukusetyenziswa kolwimi | izivakalisi ezakheke kakubi zonke – zivisa ezingena zivumelanisi – ubhalo olungena ntsingiselo | Izivakalisi ezingagqitywanga – Ukuusetyenziswa phosakeleyo kolwimi. | Izivakalisi zibhaleke kakuhle. – iintlobo zezivakalisi zisetyenziswe kakuhle izivumelanisi. | zisetyenziswe ngempumelelo iindidi zezivakalisi. – zihleliwe ulwimi lusebenziseke ngokufanalekileyo akukho ziphene. |

| Amanqaku (8) | 1 – 2 | 3 – 4 | 5 – 6 | 7 – 8 |
|---|---|---|---|---|
| 4. Imihlathi | Ukuminxana komsebenzi kungabonakali mihlathi – akukho siqalo nasiphelo – ingxubevange yezimvo – akukho ngqiqo phambili kwimiba exoxwayo | Luncinane unxibelelwano kwimihlathi. – izivakalisi ziandakanya imiba emininzi. – unxulumano kwintshayelelo, umongo nesiphelo alucacanga. | Imihlathi ibhaleke kakuhle. – zikho: intshayelelo, umxholo, isiphelo, umsonto noyondelelwano uyabonakala. | Imihlathi ebhaleke kakuhle. – Uyondelelwano lwemihlathi. – Isiqalo, umxholo, isiphelo esiyondeleleneyo. |
| **Amanqaku (5)** | **1** | **2** | **3 – 4** | **5** |
| 5. Umxholo / umongo intshayelelo | Intshayelelo ayikho | Ukujikeleza ungabisemxholweni. – okunesidina. | Imfutshane – iyavakala | Inomtsalane – ifanelekile |
| **Amanqaku (3)** | **0** | **1** | **2** | **3** |
| Isiqu | Imvo eshwaqayo – ingxubevange engangqinelaniyo namava | izimvo ezingacacanga ezingahlanganiyo. – ukufikelela kuvuthondaba | Ulandelelwano yemiba exoxwayo ekhokelela kuvuthondaba. | Ukulandelelana kwezi – ganeko zilandelana ngokwengqiqo ezinomdla zifike kuvuthondaba. |
| **Amanqaku (10)** | **1 – 3** | **4 – 5** | **6 – 7** | **8 – 10** |
| Isiphelo | Akunasiphelo | Isiphelo esijingayo | Isiphelo esisilelayo ngengqiniseko. | Isiphelo esicingisisiweyo esiqinisekisa izimvo ebezibhalwa. – Isiphelo esithe ngqo. |
| **Amanqaku (3)** | | **0 ½ – 1 2 3** | | |
| **EWONKE: 40** | | | | |

**[40]**

# ICANDELO B

## UMBUZO 2

## UHLELO OLUPHANTSI: ULWIMI OLONGEZELELWEYO UKUPONONONGA INCWADI / ILETA YOBUHLOBO / YEZORHWEBO / NEZOMTHETHO

**Imilinganiselo yokupononononga:**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 1. Isakhiwo – Ukubhalwa ngendlela echanekileyo idilesi, isibuliso nesiphelo. | Ukungabhaleki kakuhle kwedilesi; ukushiywa komhla. | Iziphene zimbalwa | Iimpawu zeziphumlisi onobumba abakhulu apho. | Ukubhaleka kakuhle. |
| **Amanqaku (3)** | ½ | 1 | 2 | 3 |
| 2. Imo – Imo yencwadi yomthetho / yobuhlobo. | Ukubhidaniswa kweemo zeleta | Iimpazamo ezimbalwa. | Iimpazamo ibhaleke kakuhle. | Ibhaleke kakuhle akukho mpazamo. |
| **Amanqaku (2)** | ½ | 1 | 1½ | 2 |
| 3. Ulwimi – Ulwimi lulungele uhlobo lweencwadi.<br>– Ulwimi ngendlela oluthethwa ngayo luveza umoya wemvakalelo ofaneleyo, iziphumlisi, izivakalisi nemihlathi | Olungahambelani nesihloko, izivakalisi nemihlathi azibhalekanga kakuhle. | Uzamile nangona ziheshehe izivakalisi, imihlathi ayohlulwanga ngendlela eyiyo. | Lusetyenziswe kakuhle lungqinelana nesihloko | Lutyebile luhambelana nesihloko alunaziphene |
| **Amanqaku (10)** | **1 – 2** | **3 – 4** | **5 – 6** | **7 – 8** |
| 4. Umxholo – Ukuba semxholweni | Awuhambelani nesihloko. | Uyasivelela ishloko kancinane. – Awuyiphumezi injongo yesihloko. | Uyanamathela emxholweni. | Unamathela ngokufezekileyo emxholweni ukuphumeza injongo yesihloko. |
| **Amanqaku (5)** | 1 | 2 | 3 – 4 | 5 |
| **EWONKE: 20** | | | | |

**[20]**

# ICANDELO C

## UMBUZO 3

**UKUHLOLWA KWEMIHLATHI EMIDE (INGENISO YEDAYARI, INGXELO, IMEMORANDAM, AJENDA, IMIZUZU, UBOMI BONGASEKHOYO, INTENGISO, ISINCOMO SIGXEKO, INQAKULENDABA.**

| | 4 | 3 | 2 | 1 |
|---|---|---|---|---|
| Imo / isakhiwo esivunyiweyo | akukho mo | Ibhalwe kodwa kuneziphene ezimbalwa | kuhle kubhaleke ngendlela evunyiweyo | kubhaleke ngendlela evunyiweyo akunaziphene |
| 6 | 1 | 2 – 3 | 4 – 5 | 6 |
| umxholo | Umxholo awungqinelani nesihloko | intlantsi ikho ngesihloko kodwa iyajikeleza aziphumeleli iinjongo zokubhala kunophinda-phindo oluninzi | kubhalake kakuhle ziyaphunyezwa injongo zokubhala | nca emxholweni izivelela zonke inkalo ngesihloko eso |
| 4 | 1 | 2 | 3 | 4 |
| ukusetyenzisa kolwimi | lusetyenziswe kakubi | Aluluhle kangako | luhle | luhle kakhulu lutyebile |
| 10 | 2 | 3 – 5 | 6 – 8 | 9 – 10 |
| [20] | | | | |

[20]

[80]

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

1.1 Ubuhle kwangaphandle nangaphakathi – uncumo, ukumila, ilizwi indlela anyathela ngayo, njalo-njalo
Isakhiwo – ubude, umzimba umfaneleko ngesinxibo
Umsebenzi awenzayo noncedo lwakhe ebantwini ekuhlaleni, ukunyaniseka, ongahenxiyo, othando ubuzwe bakhe, ukulunga, othanda uxolo.

1.2
- Ijezi, ikwaito, wenkolo, njl. – njl.
- Ukwenza uzive njani ngokwasemphefumlweni nasemzimbeni
- Ukusetyenziswa kwamalungu omzimba izixhobo zalo mculo
- Ukuhlanganisa imihlambi eyalanayo
- Ukuqanjwa kwawo
- Uyathuthuzela – kwimeko ezivisa intlungu
- Yitsho nomntu ocula uhlobo lomculo owukhethileyo

1.3 Amalungelo abantu abanawo – ukhuseleko, imfundo iindawo zokuhlala, ukuziqalela amashishini ungoyiki kubotshwa, imisebenzi – izikhundla eziphezulu zamkela wonke ubani nje enazo iimfanelo zaloo msebenzi ukondliwa kwabantwana, ukubonelelwa ngezindlu kwabo bangathathi ntweni, imali – mboleko njl. – njl. Iingxakana ezingekasonjululwa – umba wamachiza okulwa ugawulayo.

1.4
- Imozulu ngalo mini, amayeyeye ukuphithizela kwabantu nezinja.
- Ukudla neziselo ezizintlobo-ntlobo.
- Ubuhle babatshati nezinxibo zabo
- Umculo nezidlalo zamaxhego namaxhegwazana
- Ulutsha nezinxibo zalo, izithuthi amahashe nokuhamba kwazo ezi zinto. Izipho ezihle, okwavuselelwa nguloo mtshato

1.5
- Uthini urhulumente ngamachiza okulwa ugawulayo?
- Bathini abo banesisifo? Ingaba izizathu zikarhulumente ziyavakala kwabawafunayo la machiza okanye ingxaki yimali?
- Yintoni imfanelo karhulumente kwaba bantu?
- Ingaba ukwala nawo sele ebagwebile? 1x40=**[40]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

2.1
- Idilesi yombhali nomhla
- Isibuliso – Nomsa endimthandayo
- Umongo: Indawo ezinotsalane
- Imibhiyozo yasemini nangokuhlwa
- Ubuhle bendawo: imilambo, iintaba, iingxangxasi
- Izinto ezivuselelwa kukuba kule ndawo
- Izimvo zomfundi
- Isiphelo: Umhlobo wakho
  USiviwe

2.2 – Isihloko esinomtsalane singabhalwa ngonobumba abakhulu okanye nqindilili.
– Umbhali wenqaku lendaba
– Qwalasela amanqaku angundoqo
– Amanqaku axhasayo

2.3 – Igama lomzi wokutyela nalapho ukhona
– Abavunyelwe ukungena
– Ubuhle, ucoceko inzolo
– Iintlobo zokutya neziselo
– Amaxabiso
– Ukhuseleko
– Impatho: inkonzo yabasebenzi kwiindwendwe

Uhlelo ngokodidi
xxxx ______ kugqwesile
xxx ______ kuhle
xx ______ phakathi
x ______ kubi 1x20=**[20]**

## ICANDELO C

### UMBUZO 3

3.1 Imo: ______
Iya: ______
Ivela: ______
Icandelo: ______
Isazisi: ______
Umhla: ______
Isebe: ______

**IZIKHALAZO NGENKQUBO YESIKOLO**

- Ukungakorekishwa kweencwadi zabafundi ziititshala
- Ukungangeni kweetitshala kumagumbi okufundela
- Ukubethwa kwabafundi kwephulwa amalungelo abo
- Imali ephezulu yentlawulo yesikolo

**IINGCEBISO**

- Inqununu ibize intlanganiso apho abamele abafundi bawube bekhona ukuze bawabize phandle amagama eetitshala ezingawenzi umsebenzi wazo.
- Makuzanywe ezinye iindlela zokufumana imali kuba abazali bethu abaninzi abasebenzi.
- Mazikhuzwe iititshala ezisasebenzisa uswazi, kungenjalo siya kuzikhusela ekuxhatshazweni.

UNOBHALA: ______

3.2
- Isihloko
- Igama longasekhoyo
  - Umhla wokuzalwa, indawo, abazali
  - Imfundo
  - Umsebenzi
  - Umtshato nabantwana
  - Ukusweleka – umhla nonobangela
  - Izinto ayakukhunjulwa ngazo ekuhlaleni, enkozweni
  - Umyalezo wezizalwane nezalamani
  - Ukuvala: LALA NGOXOLO
    BHELE, DLAMBULA, LANGALOKULUNGA

3.3
- Kulandelwa uhlelo lwesimemo
- Isihloko sentlanganiso, apho ibibanjelwe khona nomhla
- Ukuvula nokwamkelwa
- Abakhoyo
- Abangxengxezileyo
- Ukukhethwa komabhalani
- Imiba yengxoxo
  - Mayixoxelwe imiba buvakale ubushushu bentlanganiso
  - Ukujongelwa phantsi kwamalungelo abantwana babo – ilungelo lokufunda
  - Ukwakhiwa kwezikolo
  - Abantwana bajongene nokuphathwa gadalala ngokwesondo kuba bahla besonyuka befunana nendawo ezikolweni
  - Iziphathimandla zivelana nabazali mazincome zibagxeka ngokungenzi amalungiselelo kwangethuba abazali
- Izigqibo
- Intanganiso ezayo
- Ukuvala
- Unobhala: ______ 1x20=**[20]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**